


ABALOBI
ABASAKHASAYO



Inzima kwaye inde

INDLELA ESIYIHAMBILEYO

Yiminyaka ephantse yalishumi, sigaya inkxaso yokuba kubeho umgaqo-nkqubo oza kuba yingenelo kubalobi abasakhasayo. Siye ezinkundleni, sisenza uqhankqalazo, samanyana saze sathetha norhulumente. KweyeSilimela kunyaka ophelileyo, iSigqeba soLawulo side sawamkela umgaqo-nkqubo oza kuthi uze notshintsho oluhle kubomi babalobi abasakhasayo kwilizwe ngokubanzi.

lingenelo zomgaqo-nkqubo omtsha ziquka:

- Ukunikelwa ingqalelo ngokusesikweni kweendawo zabalobi abasakhasayo.
- Ukutshintshela kumalungelo okuloba abo bonke, ukusuka kwinkqubo yobalo lokobuqu ebeyisikhuphela phandle isininzi.
- Ukusikwa kwemimandla yokuloba ekhethwayo elungiselelwe abalobi abasakhasayo, apho beza kuthi bakwazi ukuloba okanye babambise iindindi ngeendidi zeentlanzi unyaka wonke. Kuza kuphucula nesakhono sokufumana ingeniso ehlala ihleli. Le mimandla ayizi kuzivumela iinkampani ezinkulu ezishishina ngeentlanzi ukuba zilobe kuyo.
- Ubambiswano lolawulo lwezixhobo eziluncedo zaselwandle oluphucukileyo noluzakuhlala lukho.

AMALUNGELO ABO BONKE

Oku kuza kuquka indlela yobuchule entsha ekhuthaza intsebenziswa endaweni yokhuphiswano nempixano.

Ukuza kuthi ga ngoku, bekusetyenziswa inkqubo yoKugqithiselwa koBalo lokoBuqu (Individual Transferable Quots (IQTs)). Zininzi iingxaki ezibangela yile nkqubo.

- Ligcntswana nje ekhulwini lwabafaki-zicelo (malunga ne-10%) abathi baphumelele kufumaneni ezi ITQ. Ngama-700 nje kuphela kwizicelo ezingama-7 000 ezathi zaphumelela ngo-2004.
- Abafikayo kule marike bathengisela abasele benenkqayi kolu shishino ubalo gxeba iikowuta zabo. Oku kunxamnye nonaniselwano lokwenene nolufanelekileyo kweli candelo.
- Amalungu asekuhlaleni kunye neentsapho zawo kufanele bakhuphisane ngamathuba endaweni yokuba basebenzisane.

Le ndlela yobuchule **yamalungelo abo bonke**, kwelinye icala, inyanzelisa intsebenziswano endaweni yokhuphiswano. Amalungu asekuhlaleni kuza kufuneka abhalise njengeqela. Oku kuza kwenza sikwazi ukufumana inkunzi esiza kuthi ngayo sikwazi ukufumana izixhobo ezingcono, impahla yokuloba kunye neendawo zokusebenzela. Ubumbano lwethu singalusebenzisela ukuba sikwazi ukufikelela kumaxaboso kwaneemarike ezingcono.

Sakube silisekile iqumrhu elisemthethweni (nokuba likumila kunjani na), amalungu aza kukwazi ukuba afumane i-UIF, akwazi ukuba ngamalungu kumalungiselelo ezoyango aze axhamle kwiinkqubo zoqeqesho lwezakhono.

SMALL-SCALE
FISHERS



Ngoku lixsha LOKUPHUMEZA

Urhulumente usamkele isicwangciso sokuphumeza. Kufuneka sibe siyilungele bokupheleleyo le nkqubo. Unorton Dowries, oyinkokheli yeCoastal Links eLangebaan, uyishwankathela kakuhle le meko

“Ekugqibleni ngoku sinawo umgaqo-nkqubo okungowethu. Kusithathe iminyaka eli-10, kwaye ke bekufanele. Zonke ezo ntlungu neenxaleko. Ngoku kufanele ukuphunyezwa kwalo mgaqo-nkqubo sikuqonde size singene kuko ngokupheleleyo nangokuchanekileyo kumanqanaba asezantsi. Iinkokheli zathu zasekuhlaleni kufanele ngoku zigqithise umyaleza kumalungu ngendlela abayiqonda ngokwenene. Iinkokheli zethu zeCoastal Linke kufuneka zithembek, zisebenze kwaye zizinikele.”

Silindele ukuba urhulumente akhawuleze, anikezele ngako konke athembise ngako. Kwaye siya kuba lizinyo eliaqambayo kuye.

Kodwa kuyafuneka nathi ukuba siziqonde iimfanelo zethu. Kufuneka sikwazi oko kufanele sikwenze ukuze siwugqibezele ngokuyimpumelelo lo mjikelo wokugqibela.

Kufanele sitsale kunye ukuqinisekisa malunga noku kulandelayo:

- Ukuba sisengela thungeni linye asikhuphisani.
- Ukuba siyaziphuhlisa izakhono eziza kusenza sikwazi ukuseka amacandelo embumba.
- Ukuba asigungqi ekulweni nokuloba ngaphandle kwemvume.
- Ukuba siloba ngokufanelekileyo ngokuthi singabambisi iintlazi ezincinane okanye sibambise ngaphezu komlinganiselo ovumelekileyo.
- Uba silandela imithetho nemiqathango yemvume
- Ukuba senza size sifake iingxelo ezichanileyo
- Ukuba asiwangcolisi amanzi okanye unxweme



**Ngoku lixsha lokuba simanyane kwaye ninenjongo.
IKAMVA LETHU LIXHOMEKE KOKU!**



Ikhutshwe yiMasifundise Development Trust,
corner of Long Street and Station Road, Mowbray.
Umnxeba 021 685 4549. Idilesi ye-imeyile:
infocom@masifundise.org.za